

OLD MUTUAL SUPERFUND

MEMBER NEWSFLASH

Isigidimi sethu sokuqala **saMalungu e-Old Mutual SuperFund** sifikile!

! Iphepha elinye ngenyanga lokukubuyisela ekuqaleni ekwenzeni ukhetho olululo lwezemali, kwakunye nokukugcina unolwazi lwamvanje malunga neendaba ezifanelekileyo zeli shishini.

“GCINA IMALI KANGANGOKO UNAKHO, IXESHA ELIDE KANGANGOKO!”

Ewe, inokuba ukuvile oku amaxesha amaninzi ngaphambili. Oku kungenxa yokuba le ntetha iyinyaniso ngokupheleleyo.

Masiqale ngeMigaqo ebalulekileyo yokugcina imali ekumele uhlale uyikhumbula:

- Kuqala, qala ngokugcina imali kusekutsha...**
Oku kwenza amandla enzala eqokeleleneyo akusebenzele.
- Rhuma eyona mali ininzi ivumelekileyo kwingxowa-mali yomhlala-phantsi wenkampani yakho (naxa utshintsha imisebenzi, MUSA ukuyikhupha imali oyigcinileyo)**
Gcina imali kangangoko unakho, kusekutsha kangangoko, nexesha elide kangangoko ngale mali itsalwa ngaphambi kwerhafu.
- Chitha imali engaphantsi koyifumanayo uze uzihlawule kuqala**
Nangona oku kukhangeleka nzima - u-Warren Buffet uthi “Musa ukubeka elugcinweni imali eseleyo ngaphambi kokuba uchithe imali, koko chitha imali eseleyo emva kokugcina imali”.
- Ekugqibeleni, ubobona butyebi bakho bukhulu**
Zungeza ukuzikhulisa wena buqu nokufunda kwaye wazi ukuba nguwe olawula Ikamva lakho lezemali.

Umzekelo obonisa izibonelelo zokuqalisa kusekutsha ukugcina imali, jonga esi sihlomelo singezantsi.

HLAZIYA IINKCUKACHA ZAKHO ZOQHAGAMSHELWANO

Nceda wazise isebe lakwa-Human Resource okanye iZiko leMinxeba lakwa-Old Mutual (0860 20 30 40) ukuba iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano (i-imeyile, idilesi yeposi kunye nenombolo yeselfowuni) zitshintshile.

INGABA UBUSAZI

I-Old Mutual SuperFund yabizwa ngengowinileyo kudidi loLawulo lweNgxowa-mali yi-Institute of Retirement Funds (IRF) e-Afrika, kwiiMbaso zeZona ziThethe ziNgcono kwiShishini ngo-2015.

DO GREAT THINGS

Indemnity


OLD MUTUAL SUPERFUND ISIHLOMELo

YINTONI INZUZO YOKUGCINA IMALI KUSEKUTSHA?

- Xa uqala ukugcina imali kusekutsha, ufaka imali encinci kuneqhelekileyo elugcinweni ngenyangahe!
- Ngokulibazisa ngomhla wakho wokuqala ngeminyaka eli-10 neli-15, kuya kufuneka ubeke elugcinweni imali ephindaphindwe ka-3.7 naka-8 ngokulandelelana kwayo!
- Ngokubeka imali engaphezulu elugcinweni, ungafika kwiinjongo zakho zokubeka imali kwakamsinyane.

Ezi nyani zingentla zixhaswa ngamandla enzala eqokeleleneyo. Ukuze uvelise la mandla enzala eqokeleleneyo, gcina imali eninzi kangangoko, kusekutsha kangangoko, nexesha elide kangangoko.

UMZEKELO WENZALA EQOKELELENEYO:



INGABA SEWULUNGELE UKUBEKA IMALI ELUGCINWENI?

DO GREAT THINGS